

OKOKUBA UWEDWA, AWUQINISEKANGA, UYOYIKA KWAYE UJONGENE NOMITHO...

Nceda thetha nabakwa (Crisis Pregnancy Centre) apho uyakufumana uncedo olubonisa uthando kwakunye nenxaso. Bayakukunceda bathethe babonisane nawe ngemvume neqabane lakho, umyeni wakho okanye abazali bakho kwaye bangakunceda ekukhetheni isigqibo esilungele wena nomtwana wakho. Bangakunika iingcebiso kwakunye noncedo olufundisayo ngokumitha kwakho. Uncedo lwabo luthembekile lusimahla kwaye lulungiselelwe ubudala kwakunye nenkolo yakho.

Khayelitsha Pregnancy Centre

Site B Day Hospital
Tel: (021) 797 – 5000

Doctors for Life

24 hr Crisis Line
Tel: (083) 565 - 6005

WONKE UMNTU ANGAYEKA UKUKHUPHA ISISU

Sebenzisana: Noomama abalwa okanye abangahambisaniyo nabantu abakhupha izisu, kumaziko nakubantu abajongene nemiphefumlo yenkedama (Pro-life ministries) lonto ingabangela uThixo abenenceba nemfesane ngelizwe lethu. Ikliniki noncedo oluvela kurhulumente, yiba yenxalenye. *“Xelani iziphoso, nithandazelane ukuze niphilise sinamandla kakhulu isikhungo selungisa, siyeyisa.”* (Ekayakobi 5:16)

Fumana Ulwazi: Funda iBhayibhile ukuze ubone ukuba ithini malunga nokukhululwa kobomii bomntu, uThixo usiyalele ukuba sime enyanisweni. Qhagamshelana nabakwa AFRICAN CHRISTIAN ACTION ucele amaphepha neencwadi *“iMilestone of early life.”* *“The blood of the innocent- on our hands?”* kwakunye *“Show you care”*. Yilwelwa ubomi, *A pro-life handbook for Southern Africa* (Nge R22 kuphela) yenza umahluko thenga *“iChristian Action Handbook”* (ngeRos) kuphela, yenza umahluko ngokusebenzisa amayeza okunceda ukuqhomfa.

Zibandakanye: *Wuvule umlomo wakho ngenxa yesidenge, ngenxa yetyala labo bonke abadlulayo. Vula umlomo wakho, gweba ngobulungisa, ugwebe ityala lolusizana nolihlwempu.* (Imizekeliso 31:8-9)

- Thetha naba bahlobo bakho, usapho kwakunye nogqirha. Fonela inqubo kunomathotholo
- Nceda amaziko alwa uqhomfo nacebisa abantu abazibone begaxeleke kumitho.
- Funa okanye uthenge “iPhepha Ndaba” lakwa CHRISTIAN ACTION nge R60 ngonyaka.

Ncedisa okanye zibandakanye kwiProject zePRO-LIFE CHAINS and SANCTITY LIFE SUNDAY.



Ulwazi olugcweleyo kwakunye nemfuneko
nxibelelana nabakwa:

AFRICA CHRISTIAN ACTION
PO Box 23632, Claremont 7735
Tel: (021) 689-4481 Fax: (021) 685-5884
E-pos: info@christianaction.org.za
Web: www.christianaction.org.za

NGUMZIMBA WAM!



**Ndikhetha Ukwenza
Nantoni Endifuna
Ukuyenza Ngawo.
Kwaye Ukuqhomfa
Kusemthethweni ...**

Kodwa Okusemthethweni Akulunganga

Ucalucalulo lwalusemthethweni kodwa belungalunganga kwaphela. Ubukhoboka babusemthethweni kwaye babungalunganga. Kwiminyaka emininzi eyadlulayo ukukhupha isisu kwakunye nobukhoboka babukhuselwa kwaye bukakhuthazwa nazingxoxo zabasemagunyeni. Cinga ngemeko yaseMelika kumnyaka ka1857, inkundla ephakamileyo kamantyi yagqiba kumgaqo siseko wayo, okokuba wonke umntu omnyama angabinalungelo kwela lizwe. Wonke umntu omnyama wayephantsi kolawulo lomqeshi wakhe. Umntu omnyama waye kwazi ukuthi athengwe okanye athengiswe ngumnikazi wakhe, ngamanye amaxesha abede abulawe ngumqeshi okanye ngumnikazi wakhe kuba babengamakhoboka. Abo babebuxhasa ubukhoboka babewazi kwaye bewulandela umthetho wobukhoboka, besazi okokuba akakho umntu oqhuba omnye ngenkani ngekhuboka eliphantsi kwakhe, kwaye ummi waseMelika ebenalo ilungelo lokuzikhethela ikhoboka xa elifuna.

Kunyaka ka 1973, kwakhona kwinkundla ephakamileyo kaMantyi eMelika yagqiba ekubeni bonke abantwana abangekazalwa okanye abangekaveli abanalo ilungelo, bakho nje eziswini. Kwaye umama ebenalo ilungelo lokwenza nantoni ngomntwana ngelishesha esesiswini, ebenalo ilungelo lokumgcina okanye amtshabalalise umntwana wakhe. Abaqhomfisi (Pro-abortionists) bathi “akukho namnye okunyanzelisa ukuba ukhuphe isisu. Kodwa sukunyanzelisa oomama benze esi simbo. “Umama unelungelo lokukhetha ukumbulala nokumkhulisa umntwana wakhe xa efuna ukuyenza lonto.”

UAbraham Lincalin kwi (19th Century) wathi:

“Akukho namnye onelungelo lokwenza into embi.”

NGUMZIMBA WAM LO. NDIINGENZA NANTONI NA ENDIKHETHA UKUYENZA NGAWO!

Ewe, Unalo ilungelo lokwenza nantoni na oyikhethileyo ngawo, kodwa izigqibo zenziwa phambi kokuba umntwana azalwe. Ewe sikhululekile ukuba sizikhethele kwaye sithobekele umthetho kaThixo, kwaye singabelani ngesondo singekatshati okanye siyityeshele imithetho kaThixo. Isigqibo senze emveni kokuba ucingisisile ngalento uza kuyenza....

Xa ixesha lifikile, awunakukhetha-umntwana uzelwe

Xa umntwana ezelwe, usakhululekile okokuba ukhethe ukumgcina umntwana okanye unikezele ngaye komnye umntu umntwana lowo. Abantu abakhusela okanye abajongene nemiphefumlo ephilayo (Pro-Lifers) bathi oku, kukubulala.

UMNTWANA AKALOLUNGU LOMZIMBA WAKHO

Emva kokubeleka, unoxanduva lokujonga ubomi bomntwana wakho. Isigqibo ozakusenza sizakubonakalisa ukuba umntwana, ingaba uzakuphila okanye uzakufa na? Onke amalungelo akho mzali ayalingana namalungelo abanye abantu. Owona mbuzo ngulo: *“Ingaba abantu bangalwenza na uqhomfo ngokubona apha kuwe?”* Ngokunyanisekileyo impendulo ngu “Ewe” kuba ukukhupha isisu kukubulala omnye umntu.

IIVEKI ZOKUQALA ZOBOMI OBUTSHA

Usana olungekagalwa ngumntu nalo. I (Time Magazine) kunye ne (Rand McNally’s Atlas) zithetha lonto. Xa udibanisa bobabini indoda nomfazi babelane ngesondo kukho into ekuthiwa yi(Zygote) ethi iqale obunye ubomi okanye yenze umntu. “Ela qanda lokuqala, lilo elithi lizaliswe yimbewu yokuqala libanamandla okwenza umntu.

- Emveni kweeveki ezintathu intliziyo yosana iqalisa ukubetha esesesizalweni sikamama wakhe.
- I (Electrical brainwaves) zishicileleka kwiveki nje ezintandathu kwiqanda, **ukungabikho kwee(brainwaves) kubonakalisa ukufa, ngokuqinisekileyo ukubakho kwe(brainwaves) kubonakalisa ubomi, ukuphila;kunye nesiqalo somntu.**
- Xa kuphela iinyanga ezilithoba umntwana, uqala ukwahluka ngeminwe yakhe.
- Kwinyanga yeshumi elinesibini, usana luyaqala ukubetha, ukuphatha, ukujonga kunye nokungxola. Onke amalungu ayasebenza, uweyisha 28g kwaye ubude bakhe bungu 6cm ukuya ku 7.5 cm.

Nawuphina Umntwana Ozelweyo Ulufanele Ukhuseleko Lomthetho Njengomntu Wonke

NAZI EZINYE ZEZIPHUMO EZILINDELEKILEYO

Nokukhupha isisu okusemthethweni (legal abortion) alukhuselekanga komama. Zininzi izigulo, ukungonwabi, ukungakhululeki enyameni okanye emzimbeni kamama, engqondweni nasemphefumleni wakhe. Ezi zizinto ezidalwa kukhupha isisu. Asiyonto ukhawuleze ukuyilibala kwaphela.

IZINTO EZENZEKA EMZIMBENI IZINTO EZENZEKA ENGQONDWENI

- Ukufa kwabanye oomama
- Ukufa komntwana
- Ukulunywa
- Ikamva liyaphela
- Umitho olungahambeli ndawo
- Ukungaphinde ufumane umntwana
- Ukuphazamiseka exesheni (Menstrual disturbances)
- Ukopha, nentlungu
- Ulothuko
- Isibeleko esingasebenziyo
- Umhlaza (cancer)
- Ukuzisola nokuzizonda
- Ukungabethi kakuhle komthambo
- Ukukhathazeka
- Ukungalali (ubuthongo obungehliyo)
- Ukungazithembi
- Ukucaphuka kunye nomsindo omfutshane
- Ukuhlukumeza umntwana
- Umnqweno wokukhumbula usuku lokufa
- Ukungakwazi ukuziphatha nokufuna ukwazi ngosuku lokugqibela
- Ukungabinamdlala kwezesondo
- Ukucaphukela nabanina okhupha isisu

“KHETHA UKUPHELISA UMITHO” UMTHETHO UVUMELE WAMKELA UBULAWO LWABANTWANA KUMZANTSI AFRIKA UPHELA

Umthetho uvumela ukukhutshwa kwezisu nokuba isizathu asivakali, ngaphandle kokulinda ixesha elithile, nokuba ukwinyanga ezilithoba ukhulelwe. Eyona ndlela okanye olona hlobo lusetyenziswayo yi(Suction Abortion) apho umntwana ongekagalwa kwakunye ne(Placenta) inkaba zityumzwa zibulawe zibe ngamaceba kwisibeleko. Nazi ezinye izinto ezithi ziphazamise malunga nokukhupha isisu apha eMzantsi Africa:

- Kwiveki nje ezi 12 – 20, imeko zenza nabanina umntu ongumama akhuphe isisu ngaphandle kwesizathu.
- Amantombazana asakhulayo ayakwazi ukukhupha isisu ngaphandle kwemvume yabazali kwaye, nabazali abafuni ukubaqonda abantwana kwiingxaki zabo.
- Nabafazi ngokunjalo bayakwazi ukubulala abantwana babayeni babo ngaphandle kwemvume yolwazi lwabo abanalo njengomama.
- Kwa ugqirha akagxothwa okanye akhutshwe esibhedlele xa athe wenza into engangqamananga nomthetho, kodwa noko kunjalo abantu abazama ukusindisa ubomi babantwana bagityiselwa kwezimnyama izisele.

Ngokwenza ukubulawa kwabantwana abangakagalwa kubesemthethweni. Wonke umntu udalwe ngumdali ngelungelo lokuba onwabise akhuseleke kwaye akhululeke.

“NGOKUBA WENA WAZIBUMBA IZINTSO ZAM, WANDIBIYELA ESIZALWENI SIKAMA.” Indumiso 139:13